



**URhulumente
weNtshona Koloni**
ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo



Ingxelo yoNyaka 2010/2011
ISebe LemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO

Ingxelo yoNyaka

2010/11

**Gqr I H Meyer
UMphathiswa wePhondo kwimiCimbi yeNkcubeko, neMidlalo noLonwabo**

Ndiyazingca ngokungenisa le Ngxelo yoNyaka yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo kunyaka oqala ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi ngowe-2010 ukuya kowama-31 kweyokKwindla ngo-2011.



**BRENT WALTERS
30 kweyeThupha 2011**

**PR181/2011
ISBN: 978-0-621-40200-1**

ISIQLATHO

1: IINKUKACHA JIKELELE

- 1.1 Umbono, uMnqophiso neeNdlela zokuziphatha
- 1.2 Ubume beSebe
- 1.3 IsiGunyaziso sezoMthetho
- 1.4 Amaziko akhoyo anika iNgxelo kuMphathiswa wePhondo
- 1.5 INgxelo yoMphathiswa wePhondo
- 1.6 IsiShwankathelo esenziwa liGosa eliNika iNgxelo

2: IINKUKACHA NGEENJONGO EZIQINISEKISIWEYO

2.1 Umsebenzi uwonke

- 2.1.1 Iimali eziVotelweyo
- 2.1.2 Injongo yeVoti
- 2.1.3 Isishwankathelo seeNkqubo
- 2.1.4 linjongo eziphambili eziCwangcisiweyo nokuPhunyelelweyo
- 2.1.5 Isishwankathelo soMmandla wokuNikezelwa kweeNkonzo ngo-2010/2011
- 2.1.6 Isishwankathelo soMmandla weSebe ngo-2010/2011
- 2.1.7 UPhuhliso oluPhambili loMgaqo-nkqubo noTshintsho kuMthetho
- 2.1.8 INgeniso yeSebe
- 2.1.9 INkcitho yeSebe
- 2.1.10 Ukuggithiselwa kweeNtlawulo
- 2.1.11 Izibonelelo zeeMeko ezithile

2.2 Ukwensiwa kweeNkqubo

INkubo yoku-1: Ulawulo
INkubo yesi-2: ImiCimbi yeNkcubeko
INkubo yesi-3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba abagcina iimpepha
neenkukacha zakudala

INkubo yesi-4: EzeMidlalo noLonwabo

3: IINGXELO ZONYAKA ZEMALI

INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi zemali
INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo
INgxelo yoMphicothi –zincwadi Jikelele

INgxelo yoLungelelwaniso
INgxelo yoLungelelwaniso
INgxelo yoMsebenzi wezeMali
INgxelo yoBume bezeMali
INgxelo yoTshintsho kwii-asethi eziseleyo
INgxelo ngeMali engenayo nephumayo

IMigaqo-nkqubo yoBalo-Mali
Amanqaku ngeeNgxelo zoNyaka zeMali
Amanqaku eziBhengezo ngeeNgxelo zoNyaka zeMali
Izihlomelo kwingxelo-mali yonyaka

4: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

5: EZINYE IINKCUKACHA

Oonobumba bokuqala egameni
Uluhlu kweeNkcukacha zoQhagamshelwano

1: IINKUKACHA JIKELELE

1.1 Umbono, uMnqophiso neeNdlela zokuziphatha

Umbono

INtshona Koloni enoluntu oluhlangeneyo, oluneziphiko nolusebenzayo.


Umnqophiso

Sikhuthaza ukugqwesa kwezemidlalo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nakwezenkcubeko ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo, ngokwanelisayo nangendlela ezinzileyo kwezibonelelo zethu, nangokudala intsebenziswano nabanye abantu. Ukukhokelela ukuba sibe nokugqwesa, siza kudala iimeko zokufikelela koluntu nokuthatha inxaxheba kwesinanzi, ukufunyanwa kweziphiko nokupuhhliswa kwezakhono.

Iindlela zokuziphatha

Ukunika ingxelo nokwazi ukuphendula ezintweni, Ukubakho kobulungisa, Ukuba nako ukwenza izinto, Ukukhathala,, Ukuba nokuphendula.

1.2 Ubume beSebe



1.3 IsiGunyaziso sezoMthetho

ISebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo sisithatha isiGunyaziso sezoMthetho njengento ebophelelayo apho yonke imisebenzi ibhekisele, ngokubalulekileyo ekunikezelweni kweenkonzo ngendlela efanelekileyo, elinganayo nefikelelekayo, ngokubhekisele kwiPhepha leNgcaciso ngoMgaqo-nkqubo ngokuThsintshwa kweNdlela yokuNikezelwa kweENkonzo eLuntwini, ebizwa ngokuba “LiNyathelo leBatho Pele”

ISebe lisebenza ngokwezigunyaziso zale mithetho nale migaqo-nkqubo ilandelayo:

UMTHETHO

UMthetho weSizwe: Jikelele

UMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, ka-1996	UMthetho we-108 ka-1996
UMthetho iDivision of Revenue Act, ka-2009	UMthetho we-12 ka-2009
UMthetho iPublic Finance Management Act, ka-1999	UMthetho woku-1 ka-1999
UMthetho iPublic Service Act Amendment Act, ka-2007	UMthetho wama-30 ka-2007

UMthetho weSizwe: KwimiCimbi yeNkcubeko, kwiiNkonzo zamaThala eeNcwadi neeNdawo eziGcina iimphepha zakudala

Umthetho iCultural Institutions Act, ka-1998	UMthetho we-119 of 1998
Umthetho iCultural Promotion Act, ka-1983	Umthetho wama-35 ka-1983
Umthetho iCultural Affairs Act (House of Assembly), ka-1989	Umthetho wama-65 ka-1989
Umthetho iNational Archives and Records Service of South Africa Act, ka-1996	Umthetho wama-43 ka-1996
Umthetho iNational Arts Council Act, ka-1997	Umthetho wama-56 ka-1997
Umthetho iNational Heritage Council Act, ka-1999	UMthetho we-11 of 1999
Umthetho iNational Heritage Resources Act, ka-1999	Umthetho wama-25 ka-1999
Umthetho iPan South African Language Board Act, ka-1995	Umthetho wama-59 ka-1995 (icandelo 8(a))
Umthetho iSouth African Geographical Names Council Act, ka-1998	UMthetho we-118 ka-1998
Umthetho iWorld Heritage Convention Act, ka-1999	Umthetho wama-49 ka-1999

UMthetho weSizwe: KwezeMidlalo

Umthetho iNational Sport and Recreation Act, ka-1998	UMthetho we-110 ka-1998
--	-------------------------

UMthetho wePhondo: KwimiCimbi yeNkcubeko, kwiiNkonzo zamaThala eeNcwadi neeNdawo eziGcina iimphepha zakudala

Umthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-1998	UMthetho we-13 ka-1998
--	------------------------

Umthetho iWestern Cape Cultural Commissions and Cultural Councils Act, ka-1998	UMthetho we-14 ka-1998
Imigaqo iWestern Cape Heritage Resource Management Regulations	PN 336 wama-25 kweyeDwarha ka-2002
Imigaqo iWestern Cape Heritage Resource Management Regulations, ka-2003	PN 298 wama-29 kweyeThupha ka-2003
Umthetho iProvincial Archives and Records Service of the Western Cape Act, ka-2005	UMthetho wesi-3 ka-2005

UMthetho wePhondo: KwezeMidlalo

Akukho namnye

Ummiselo

Ummiselo iMuseums Ordinance, ka-1975	UMthetho wesi-8 ka-1975
Ummiselo i-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh) Ordinance, ka-1979	Ummiselo we-11 ka-1979
Ummiselo iProvincial Library Service Ordinance, ka-1981	Ummiselo we-16 ka-1981

UMgaqo-nkqubo

Imigaqo-nkqubo yeSizwe:

Iphepha leNgcaciso ngoMgaqo-nkqubo weSizwe wezobuGcisa, ezeNkcubeko nezamafa (ka-1996)

Isakhelo soMgaqo-nkqubo weeLwimi weSizwe (ka-2003)

Umgaqo-nkqubo wokuLawula iiNgxelo eziGciniweyo weSizwe (iRecords Management Policy Manual ka-2007)

Ukulawula iiNgxelo ezigcinwe kubuchwepheshwa kumaqumrhu kaRhulumente: Umgaqo-nkqubo, imithetho-siseko nokufuneka (ka-2006)

Iphepha leNgcaciso ngoMgaqo-nkqubo weSizwe wezemidlalo nezolonwabo

Umgaqo-nkqubo wezeMidlalo ezikolweni eziseNtshona Koloni (ka-2002)

Isakhelo soMgaqo-nkqubo wokuHlolwa nokuVavanya uRhulumente ngokubanzi

IPhepha lokuGaya izimvo ngokuLawulwa, ukuHlolwa nokuVavanya koMsebenzi

Isikhokelo kumaSebe eSizwe nawePhondo ukuLungiselela iSakhelo sokwenza uHlolwa noVavanyo

Imigaqo-nkqubo yePhondo:

Umgaqo-nkqubo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi kwiPhondo leNtshona Koloni

Umgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni (opapashwe kwigazethi njenge PN 369/2001 yama-27 kweNkanga ka-2001)

IWestern Cape Rainbow Paper 2001

Umgaqo-nkqubo weNxaso-mali kwezobuGcisa neNkcubeko (ka-2009)

Umgaqo-nkqubo oyilwayo wokuThiywa kwamagama nokuTshintshwa kwamagama eeNdawo (ka-2007)

IsiCwangciso seeNkqubo zokwenza uHlolo noVavanyo kwiPhondo ngokubanzi (idrafti)

Umgaqo-nkqubo oyidrafti weNkcubeko eNtshona Koloni (Idrafti yama-20)

Umgaqo-nkqubo oyidrafti kwiNxaso-mali kwezemidlalo (ka-2010)

1.4 Amaziko akhoyo aNika iNgxelo kuMphathiswa wePhondo

La maziko alandelayo aphendula kuMphathiswa wePhondo kwezemCimbi yeNkcubeko, ezeMidlalo nezoLonwabo:

Igama leziko elikhoyo	Umtetho	Ubume beshishini
IKomishini yeNkcubeko yaseNtshona Koloni	Umtetho iWestern Cape Cultural Commission and Cultural Councils Act, ka-1998 (Umtetho we-14 ka-1998)	IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni inoxanduva ngokwasemthethweni lokubhalisa nokucima amabhunga enkcubeko. Ikwanikwe umsebenzi nguMphathiswa wePhondo ukongamela ulawulo Iwamaziko athile enkcubeko anikwe wona nguMphathiswa wePhondo ukuba abe phantsi kolawulo lwayo.
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	Umtetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-1998 (Umtetho we-13 ka-1988)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni inoxanduva lokwenza imigaqo-nkqubo yolwimi yephondo, ukuhlola nokuvavanya ukuphunyezwu komgaqo-nkqubo wolwimi, ukunika ingxelo ngalo mba uMphathiswa wePhondo, nokubonelela ngeengcebiso kwamanye amalungu eKhabhinethi yeNtshona Koloni nakumasebe namaziko ephondo ngalo mba.
Ezamafa eNtshona Koloni	Umtetho iNational Heritage Resources Act, ka-1999 (Umtetho wama-25 ka-1999)	Ezamafa eNtshona Koloni zinikwe uxanduva oluthile lwezomthetho njengabanegunya kwizibonelelo zezamafa kwiphondo laseNtshona Koloni.

1.5 INgxelo yoMphathiswa wePhondo

Ndineqhayiya ukubeka phambi kwenu le Ngxelo yezeMali yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo emva kokuthatha ezinyaweni zikaMnu Sakkie Jenner, obefudula enguMphathiswa wePhondo kwimiCimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo eNtshona Koloni. Ingxelo iza kubonakalisa ukuba likwaze njani na iSebe ukuba nempumelelo engaka ngezibonelelo ezimbawla ababenazo. Liza kubonakalisa ukuba zeziphi iinkalo apho iSebe liye lakkokela phambili kwizinto ezisekuhlaleni eNtshona Koloni zikwazi ukuzenza zihlanganise uluntu, bakwazi ukwenza izinto kwaye basebenze.

Kulo nyaka kwenziwa ngawo uhlolo ngowona uza kukhunjulwa ngcono ngempumelelo eyenziwe nguMzantsi Afrika xa ububambe iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™ nentsebenziswano eye yabakho xa bekukho le tumente eye yashiya ilifa eNtshona Koloni. Ukusekwa kwamaziko angama-98 okudala amathuba nokupuhhlisa isinini kwezemidlalo (iIMDO) nako kube yimpumelelo enkulu. Le nkqubo yindlela apho iSebe linokufikelela kubomi bamawaka abantwana abahamba isikolo ngokubazisa ngeenkqubo zezemidlalo nezolonwabo, bakwazi ukubonakalisa amathuba netalente abanayo kwaye ngaxesha-nye oko kuza kubathintela kwisimo esingekho sihle sokuziphatha ebebenokuzibona bekuso ngokuthi kugcinwe ulutsha lwethu olukwiphondo olubuthathaka lumento yokwenza xa bephuma esikolweni phakathi kwala maxesha ngo-14h00 no-18h00. Ngokwempumelelo yamaZiko ezemidlalo eMOD, iSebe livule amaziko amahlanu eMOD, ngokubhekisele kubugcisa nenkcubeko ukuba abonelele abafundi ngamathuba omdaniso, omculo nezinto zenkcubeko.

Ngokwenkubo yesicwangciso salo, iSebe inako ukwenza ukuba ubomi baye wonke ummi waseMzantsi Afrika, hayi kuphela eNtshona Koloni. Liye labonakalisa ukuba liyakwazi ukukhokelwa ziinjongo zalo kwaye libeneziphumo ezhile, lihambelana notshintsho, aliqini libambelele kwinto enye kodwa likwenza oko luhambelana nezenzo zolawulo olululo.

Kunyaka-mali ogqithileyo ndiye ndatyelela iiNkonzo zokuLondolozwa kweMbali ezeluxanduva lweSebe kwaye ndiyavunya ngokubona imisebenzi emihle nenexabiso eyenziwa ngaloo maziko ukubhiyozela amafa ethu nokubonelela ngokhuselo nendawo eyiyo ukuze wonke ubani akwazi ukubona kwaye akhumbule imbali yethu.

Kube luvuyo kwakhona ukuvula amathala eencwadi amaninzi kulo nyaka nokukhuthaza uluntu ukuba luphe amathala eencwadi asekuhlaleni iincwadi. Impendulo eye yabuya ibe yemangalisa kakhlulu kuba elinye ithala leencwadi lide ladinga indawo yokuzibeka yaze ezishiyeleyo iincwadi lazipha amanye amanye amaziko.

Imisitho ephambili apho imisebenzi yeSebe ibonakalisa iwongwa ngokubamba iimbaso zobuGcisa, zeNkcubeko, zezaMafa, zeeNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha eBalulekileyo zakuDala, zamaThala eencwado nezooVimba beempepha neenkukacha zakudala zaseNtshona Koloni. Kuye kwakho neembasa zamaqhawo ezeMidlalo neeMbaso zezeMidlalo eNtshona Koloni. Le misitho yokuwonga uluntu iye yabonakalisa ngokuncoma wonke umntu okwiPhondo ukuba azame ukwenza iNtshona Koloni ibe yindawo engcono kwezemidlalo, ezobugcisa nezenkcubeko. Nokuba oko kwensiwa ngokusigxina okanye ngokungekho sigxina, abafufusi okanye iingcaphephe, ngaphandle kwale ntsebenziswano iSebe ngelingakhange likwazi ukuphumelela. Ngenxa yoku ndenza umbulelo ongazensiyo kuye wonke umntu oye wancedisa ukwenza kubekho le mpumelelo.

URhulumente wePhondo leNtshona Koloni uyazibophelela ekudaleni amathuba avulelekileyo eluntwini. Kunyaka wonke ekwensiwe ngawo olu hlolo, isebe liye ladala amathuba amaninzi lisenzela abemi baseNtshona Koloni.

Ndibulela nakwiNkulumbuso nakoogxa bam abakwiKhabhinethi ngenkokelo nenkxaso yabo, iKomiti ejongene nemiba yoKhuseleko loLuntu, imiCimbi yeNkcubeko neMidlalo, abo isebe lisebenzisana nabo bachaphazelekayo, kunye nabo kusetyenziswana nabo ekuhlaleni, kurhulumente neenkokeli zasekuhlaleni abasenze sanempumelelo. Ndifuna nokubulela abalawuli abaphezulu namagosa eli Sebe ngenkxaso yabo engapheliyo nokuzinikezela kwabo ekunikezeleni ngeenkonzo kabantu baseNtshona Koloni.



**GQR I H MEYER
UMPHATHISWA WEPHONDO: KWIMICIMBI YENKCUBEKO, IMIDLALO
NOLONWABO**

1.6 IsiShwankathelo esenziwa liGosa eliNika iNgxelo

Kulilungelo lam ukungenisa le Ngxelo yoNyaka yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo. Kulo nyaka kwensiwe ngawo olu hlolo iSebe likwazile ukwenza ngokwegunya lalo ngokomfuziselo wokunciphisa iimali zikaRhulumente. Lo nyaka uza kusoloko udityaniswa nokubanjwa ngempumelelo iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™. Eyona misebenzi ibalulekileyo eye yensiwa malunga noku ibe ziiprojekthi neenkubo ezininzi ezenziwe liSebe ukuqinisekisa ukuba abantu baseNtshona Koloni "bayifumene iNdebe yeHlabathi". Ukususela kwimidlalo yebhola eseztatalatweni ukuya ekubalweni kwexesha lale Ndebe de kube ngumhla efika ngawo, ukhuphiswano ezikolweni lwasoka nokuqeleshwa kwamavolontiya kwiFanjols – bonke babe negalelo lokwenza abemi balapha babe yinxalenye yalo msitho wehlabathi.

Kwiimeko ezininzi iSebe liye lakhokela phakathi kwamanye amasebe afana neli lethu akwamanye amapgondo njengokuba nolawulo olululo, ukwazi ukuphendula kwimiba ekhoyo nokuniqa ingxelo kwanokwenza inkcutho yesebe.

Kulo nyaka iqela labalawuli abaphambili liye lasekwa ngokupheleleyo laza laxhotyiswa ngokwemisebenzi yabo emva kokuba esi siseko siye savunywa. Kucacile ukuba iSebe lisebenza njengecandelo elinempumelelo linabasebenzi abazinikeleyo kumsebenzi wabo nabakhuthazekayo ukwenza iNtshona Koloni ibenoluntu olunye oludibeneyo, olunezakhono nolusebenzayo ekunikezelena ngeenkonzo.

Ilinjongo ezicwangcisiwego zilinike iSebe amandla okuqhubela phambili umsebenzi walo kunya ka-2010/11 ngale ndlela ilandelayo:

- Ukuunikezela ngeenkonzo zolawulo ezisebenzayo, ezifanelekileyo nezinoqoqosho.
- Ukuukhuthaza, ukuphucula nokutshintsha yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukuze kubekho igaloelo ekwakheni isizwe, kulawulo olululo, ekupuhhliseni ubudlelwane bomntu noboluntu nokudala amathuba okukhula kuqoqosho oluzinzileyo.
- Ukuvelisa, ukutshintsha nokukhuthaza ukuba kubekho iinkonzo ezizinzileyo zamathala eencwadi, zeenkukacha noovimba abagcina iimpepha neenkukacha.
- Ukuqlisa nokuniqa inkxaso kwimisebenzi nakwimibutho yezemidlalo neyezolonwabo enika ubunye ekuhlaleni.

INgxelo yoNyaka kulo nyaka iqulathe iinkukacha ezicacileyo kwimpumelelo nemisebenzi yeSebe, kodwa ndingathanda nje ukuqaqambisa ezi zilandelayo:

- Ilinzame zokuzisa iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™ kuluntu lwaseNtshona Koloni.
- Ukuunabisa amaziko okudala amathuba nokuphuhlisa isinini (MOD) ukwenza ukuba ulutsha luthathe inxaxheba kwezemidlalo nakwezenkcubeko ukuphuma kwesikolo.
- Ukwandisa ngakumbi iprojekthi yamathala eencwadi kwimimandla esemaphandleni eNtshona Koloni.
- Ukwandisa iprojekthi iWheelie Wagons ukwena ukuba iindawo ezisemaphandleni zifikelele kumathala eencwadi apho izibonelelo abanazo ezisisiseko zibenza bangakwazi kufumana iinkonzo ezizinzileyo.
- Ukuufezekisa inkqubo yokuxhasa ngemali imibutho yenkcubeko nemanyano zezemidlalo.
- Umdla wokuqhubeka ngokuqinisekisa ngeenkonzo ezinikezelwayo eziluqilima kumba wolawulo olululo nokunciphisa ukusetyenziswa kweemali zikaRhulumente.

Okokugqibela, le Ngxelo yoNyaka ibonakalisa amandla eSebe IemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo okunikezela ngeenkonzo ngendlela enenkathalo, enobuchule, enobulungisa nokunika ingxelo ngokwazi ukuphendula kwiimfuno zabemi bethu.

Ndibulela kubo bonke ababenendima abayidllaileyo, kwabachaphazelekayo esisebenzisana nabo namaqela anomdla aye ancedisa ukwenza ukuba konke oku kubenokwenzeka.



**MNU BRENT WALTERS
INTLOKO YESEBE
ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO**

2: IINKUKACHA NGEENJONGO EZIQINISEKISIWEYO

2.1 Umsebenzi uwonke

2.1.1 Iimali eziVotelweyo

R'000

Olona lungelwaniso	Ulungelelwaniso oluqikelelwayo	Eyona mali ichithiweyo	Inkcitho engaphaya/enganeno
289 241	294 704	294 023	681
UMphathiswa wePhondo onoxanduva	UMphathiswa wePhondo kwimiCimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo		
Isebe elilawulayo	ISebe lemiCimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo		
IGosa eliNika iNgxelo	INTloko yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo		

2.1.2 INjongo yeVoti

Injongo yevoti kukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezenkcubeko nezemidlalo ngeli xa lipuhlisa italente nokugqwesa ekomelezeni uqoqosho ngezakhono nempilo yoluntu IwaseNtshona Koloni.

2.1.3 Isishwankathelo seeNkqubo

INKqubo yoku-1: Ulawulo

Injongo: Ukulawula nokunikezela ngeenkonzo ezhlangeneyo ezicwangcisiweyo kwiSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo kubandakanya namaziko aluncedo oluntu.

Inkubo ibandakanya ezi nkqutyana zilandelayo:

I-ofisi yoMphathiswa wePhondo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo kunye neenkonzo zenkxaso kwabo bafumana iinkonzo kuMphathiswa wePhondo kwimiCimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo.

linkonzo zoShishino

Injongo: Ukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwezemali oluvakalayo kwiSebe nakumaziko aluncedo oLuntu, abandakanya izicwangciso zemali, ulawulo lohlahlo lwabiwo-mali neenkonzo zolawulo lwezbonelelo zokusebenza.

linkonzo zezeMali

Injongo: Ukubonelela ngolawulo lulonke kwi-ofisi engundlunkulu wephondo neenkonzo zolawulo kwiSebe, kubandakanya ezi nkalo zemisebenzi elandelayo:

- linkonzo zenkxaso jikelele (ukubhaliswa kwezinto, iinkonzo zokuhambisa iposi nezinye izinto neenkonzo zezothutho)
- linkonzo zonxibelelwano nokwazisa ngezinto ngaphakathi nangaphandle kwiSebe
- linkonzo zeziwangciso ezisebenzayo
- linkonzo zophando, zohlololo novavanyo malunga neenkubo neenjongo zesebe
- Inkxaso kwabo bafumana iinkonzo.

INkqubo yesi-2: ImiCimbi yeNkcubeko

Injongo: Ukukhuthaza, ukuvelisa, ukulawula nokutshintsha iinkonzo zezobugcisa, zenkcubeko, zeenkonzo zokulondolozwa kwembali nezeelwimi nokulawula ukuchongwa nokugcinwa kwezibonelelo zenkcubeko nezemlali eNtshona Koloni ukuze kuzuze isizukulwana esikhoyo nesizayo ngokunikezelwa kweenkonzo ezifunekayo nezimiselweyo ngumthetho ofanelekileyo.

Inkqubo zibandakanya ezi nkqutyana zilandelayo:

Ulawulo

Injongo: Ukubonelela ngenkxaso kulawulo olucwangcisiweyo kwimiCimbi yeNkcubeko.

Ubugcisa neNkcubeko

Injongo: Ukujongana nophuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni, ngokudalwa kwemibutho, imisebenzi nemimandla efanelekileyo nesebenzayo kwezobugcisa nezenkcubeko nokuxhasa nokuncedisa iKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni.

INkonzo zokuLondolozwa kweMbali neeNkonzo zeziBonelelo zezaMafa

Injongo: Ukukhuthaza nokulondoloza ezamafa ngokweenkonzo zemuziyami nangokwemibutho, ukwenza amalungiselelo okulondolozwa, okukhuthaza nokupuhlisa ezenkcubeko nezamafa, nokuncedisa kulawulo lwezibonelelo zezamafa ngokuphumeza izigunyaziso zesiwe ngokoMthetho iSouth African Geographical Names Act, ka-1998 noMthetho iSouth African Heritage Resources Act, ka-1999.

liNkonzo zeeLwimi

Injongo: Ukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni njengenxene yokudala uluntu oluzingcayo noluqondanayo, nokupuhlisa iilwimi ebezikade zihlelelekile, ukujongana nokuphunyezwa nokuhlolwa komgaqo-nkqubo woLwimi, nokuncedisa iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC).

INkqubo yesi-3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba abagcina iimpepha neenkukacha zakudala

Injongo: Ukukhuthaza iinkonzo ezibanzi zamathala eencwadi nezoovimba abagcina iimpepha namaxwebhu eNtshona Koloni.

Inkqubo ibandakanya ezi nkqutyana ziandelayo:

Ulawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo olucwangcisiweyo nenkxaso kwiiNkonzo zamathala eencwadi nezoovimba abagcina iipmepha neenkukacha zakudala.

liNkonzo zamaThala eeNcwadi

Injongo: Ukubonelela ngeenkonzo zamathala eencwadi nezeenkukacha ezihambelana nomthetho okhoyo nezigunyaziso zomgaqo-siseko.

OoVimba abagcina iimpepha neenkukacha zakudala

Injongo: Ukubonelela ngeenkonzo zolawulo koovimba abagcina iipmepha neenkukacha zakudala neengxelo.

INkqubo yesi-4: Ezemidlalo nezoLonwabo

Injongo: Ukukhuthaza ezemidlalo nezolonwabo eziza kuba negalelo kuxolelwaniso nokupuhliswa koluntu IwaseNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkqubo, iinkonzo namaziko alinganayo, afikelelekayo nezinamaxabiso afikelelekayo. La manyathelo aza kubandakanya ungenelelo lokukhuthaza ubomi obusempilweni nokudala ezemidlalo ezikolweni ngokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwesinanzi. Baza kukhuthaza bajongane nokubanjwa kwemisitho emikhulu kugxininiwa ngakumbo ekodalweni nasekugcineni ilifa lokugqwesa kwezenkcubeko nezemidlalo.

Inkqubo ibandakanya ezi nkqutyana ziandelayo:

Abalawuli

Injongo: Ukubonelela ngenxaso ecwangcisiweyo kwicandelo lezemidlalo nelezolonwabo.

Ezemidlalo

Injongo: Ukukhuthaza amathuba kwezemidlalo aza kuba negalelo kuxolelwaniso nasekupuhlisweni koluntu IwaseNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkqubo, iinkonzo namaziko alinganayo, afikelelekayo nezinamaxabiso afikelelekayo. Inxene yala manyathelo iza kubandakanya ungenelelo lokukhuthaza ubomi obusempilweni nokudala kubekho ezemidlalo ngokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwesinanzi nokupuhliswa ngakumbi kwetalente. .

Ezolonwabo

Injongo: Ukuncedisa ukukhuthaza kwemisebenzi elungisiweyo yezolonwabo nezemidlalo. Okwesibini, ukuseka imibutho ebhekisele kwezolonwabo eza kuba negalelo kubomi obusempilweni, imisebenzi yexesha elide kokwandisa izinga lokuthatha inxaxheba ekuhlaleni noko kusenziwa luluntu IwaseNtshona Koloni. Ngaphezu koko, ukuncedisa kudalwe amanye amathuba kwizinto zolonwabo, umz. kwezemidlalo okanye kwezolonwabo nezinga eliphezulu lokuthatha inxaxheba kwezemidlalo kunye/okanye kwiintshukumo zeenkqubo ezibonakalisa italente nezibhekisele ekufundiseni, kwisakhono somsebenzi owulandelayo namathuba engqesho.

Imidlalo ezikolweni

Injongo: Ukwenza abafundi bafikelele kwaye kudalwe amathuba ezemidlalo ezikolweni nokuba abafundi babe nemimandla ebavumela ukuba babenako ukukwenza oku. Okwesibini, kukuseka kuny/okanye nokujongana nokusekwa kwentsebenziswano nokuncedisa ngamalungiselelo ezibonelelo kwanoko kusisiseko. Ukuphumeza ezi njongo kuza kubangela ukuthatha inxaxheba kwabantu abaninzi, kukhuphiswano lweeligi nolweetumente, izinga eliphezulu lokuthatha inxaxheba, kunye namathuba okubonwa kwetalente ngokwemidlalo, imibhiyozo neetumente neenkampu ekuqequeshelwa kuzo ngabo bonke abafundi abahamba isikolo. Ukongeza, abafundi abahamba isikolo baza kufumana umyalezo wokwazisa ngezinto zentlalo ezifana neenkqubo zokulwa ulwaphulomthetho nokulwa iziyobisi.

iCandelo elijongene neNdebe yeHlabathi ka-2010

Injongo: Ukudala nokwenza ummandla onguwo wokubambela iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™.

2.1.4 IiNjongo eziPhambili eziCwangcisiweyo nokuPhunyelelweyo

IINJONGO EZICWANGCISIWEYO

- Ukulawula nokunikezela ngeenkonzo zolawulo ezifanelekileyo nezisebenzayo kwiSebe, kubandakanywa namaziko oncedo oluntu.
- Ukubonelela ngenkxaso koonobhala, yezelojistiki, kulawulo/kwi-ofisi nokudibana ipalamente.
- Ukumiswa kwesiCwangciso sokuPhucula uLawulo IwezeMali esifanelekileyo (FMIP).
- Ukunikezela ngemisebenzi eseenza ngokupheleleyo ekuniken iingxelo ngezemali kwiSebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo.
- Ukuphakamisa ukuba nako ukulawulwa kwezemali ngokolawulo Iwezibonelelo zokusebenza (SCM) zibe kuMgangatho wesi-3.
- Ukulawula izicwangciso zeSebe nokuyitolika le migao-nkqubo nokuphambili.
- Ukuqhubela phambili indlela yokufundisa ngezobugcisa kudalwe amathuba anokubakho kuluntu lwaseNtshona Koloni.
- Ukubonelela ngobuchwephesa nangenxaso kulawulo efanelekileyo nesebenzayo kumaziko oncedo oluntu angama-31 nalawo karhulumente organyelwe liSebe nokuhlola nokuvavanya iziphumo zala maziko.
- Ukukhawulezisa utshintsho kwezamafa eNtshona Koloni ngokubonelela iinkonzo ezahlukahlekenyo zokulondoloza, ukupuhlisu nokukhuthaza ezamafa eNtshona Koloni ngokweenkonzo zeenkonzo zokulondolozwa kwembali eziphantsi kwazo namaziko aphantsi kwazo ezamafa.
- Ukuhuthaza ukuthethwa kweelwimi ezininzi, ukulungisa isimo sokungalingani kwezolwimi okwenzeke ngaphambili nokukhuthaza ukupuhlisu kweelwimi ebezikade zihlelelekile kanye noLwimi lokuThetha ngezandla eNtshona Koloni.
- Ukwamkela imisebenzi enokuba negalelo ekwakheni isizwe nakutshintsho.
- Ukuuxhasa nokuxhasa iinkonzo zokusetyenziswa kwamathala eencwadi ngabo bonke abemi baseNtshona Koloni.
- Ukuhuthaza iinkonzo zolawulo olufanelekileyo Iweengxelo kwiinkalo zikarhulumente.
- Ukulondoloza nokubonelela ngokufikelela kwizixhobo zoovimba abagcina iimpepha namaxwebhu akudala.
- Ukubonelela ngeenkubo zokupuhlisu kwezemidlalo nezolonwabo.
- Ukubonelela ngeenkonzo ezizodwa kwezemidlalo nezolonwabo.
- Ukubonelela ngotshintsho noncedo lokusombulula iingxwabangxwaba kwezemidlalo nezolonwabo.
- Ukkuncedisa ngokukhuthazwa kwezolonwabo.
- Ukwenza ukuba kufikeleke kwaye kudalwe amathuba okuba zonke iziko nabo bonke abafundi bafikelele kwezemidlalo.
- Ukuudala ummandla wokubamba imibhiyozo enempumelelo yeNdebe yeHlabathi kaFIFA ngo-2010™ eNtshona Koloni.

OKUPHUNYELELWEYO

INkqubo yoku-1: Ulawulo

Kulo nyaka, uhlahlo lwabiwo-mali belulnzima nolawulo Iwenkcitho luye Iwenziwa ukuqinisekisa ngolawulo oluvakalayo lolwabiwo-mali. Ngenxa yoko, iSebe lichithe ama-99% kulungelewaniso luhlengahlengisiweyo kwiNgxelo yoLungelelaniso. Ukuphuculwa okubalulekileyo kumgangatho nolawulo Iweenkcukacha zomsebenzi nabo bubungqina obukhoyo.

Icandelo lezicwangciso-mali limisele ulawulo Iwemali ngokuphumeza iinkqubo zokufumana iingcebiso ukuqinisekisa ngokusetyenziswa kweendlela ezifanelekileyo nezisemgangathweni zokwenza izinto, ezigxile kwimigaqo-nkqubo nemigaqo ukuqinisekisa umsebenzi omhle.

Icandelo loLawulo Iwezibonelelo zokusebenza (SCM) liphucule ulawulo Iwayo ngokwenziwa kwemigaqo-nkqubo nemigaqo ukuqinisekisa umsebenzi omhle.

Umgomo, izakhono nokuba nako ukwenza izinto kuye komelezwa ngokubanzi, ingakumbi kwicandelo leSCM, ngokongenelelo loqeleshoo oluphilileyo nohlolo olwensiwa rhoqo.

Konke oko kujoliswe kujo okumiselwe ngaboHlolo noVavanyo (M&E) kwisiCwangciso soMsebenzi woNyaka (APP) ukwenzela uvavanyo, iingxelo nokutyelelwa kweendawo (ukubeka esweni) kuphunyelelwe kulo nyaka.

Icandelo lokuphucula ukunikezelwa kweeNkonzo liququzelele ngempumelelo amanyathelo okuphucula ukunikezelwa kweenkonzo okuhambelana neBatho Pele "Ukubeka phambili abantu kuqala" nokomeleza intsebenziswano nabo bachaphazelekayo kusetyenziswana nabo. Uxanduva lwalo malunga nokuquzelela ukuthatha inxaxheba kwiinkqubo zephondo ezinqamlezileyo luye lwafezekiswa, kwaye icandelo liye laqhube ka ukomeleza indima yalo ngokwala maqonga anqamlezileyo.

Umba ophambili wokuguqula isimo seSebe lemiCimbi yeNkcubeko nelezeMidlalo njengesebe elifikelelekayo nelikwazi ukuphendula ibe yindima eye yadlalwa ngabezoNxibelewano noKwazisa. Eli cabela aliphuculanga nje kuphela unxibelewano IweSebe nabezosasazo Iweendaba, kodwa likwaqinisekise ukuba ubukho boonondaba beSebe bebusoloko busakha kwaye kuhambelana nezigunyaziso zalo. Ukwanda kokuvela kakhulu ezindabeni kuye kwabaluleka kakhulu, ungalibali ukuba iSebe belikhuphisana namanye amaSebe eSizwe nawePhondo ukuba livele ezindabeni. ISebe likaphendule ekwanden ikokusetyenzisw kaabezeendaba abasekuhlaleni ngokuvula i-akhawunti yayo yeTwitter kwaye ngoku isaphanda ukufumaneka kukaFacebook njengeqonga lonxibelewano. Iwebhusayithi yeSebe yangaphandle, iwww.capecageway.gov.za/dcias ne-intranethi ziye zaphuculwa kwaye "zasebenza" ngo-2010.

AbezoNxibelewano noKwazisa baqhubekile ukuzinzisa umthetho-siseko wokupuhliswa konzibelewano ngokwenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu olukwiphondo kunye neembizo zesizwe. Oku kuye kwaxhaswa neentlanganiso ebezibanjwa rhoqo liSebe nabo baphambili bachaphazelekayo ekusetyenziswana nabo.

Noxa bekungekho nkxaso-mali ingako kwimisitho emikhulu yezemidlalo nezolonwabo, abeoNxibelewano nezoKwazisa baye baqinisekisa ukuba abantu abatsha kwezemidlalo ababhinqileyo namadoda kunye noluntu IwaseNtshona Koloni baye baxhamla kule misitho efana nomdyarho weebhayisekile nowokuhamba iCape Argus Pick n Pay Cycle Tour neDiscovery Cape Times Big Walk. Ngenxa yokuthatha kwethu inxaxheba, amaqela asaphuhlayo aphuma kwiSA Tandem for the Blind neSWD nabob aye bathatha inxaxheba kumdyarho weebhayisekile ka-2010 i-2010 Cape Argus Pick n Pay Cycle Tour. Eyona nto iye yabaluleka kukubonelela ngamathuba abantu abatsha abanetalente yokuqhube iibhayisekile, uDenzil Africa, akathatha nje inxaxheba kwiGiro del Capo, kodwa uye waqhuba ibhayisekile esidlangularalen negqala uLance Armstrong. Uhambo ebelusuka eGugulethu iDiscovery Cape Times Big Walk, ebelinyathelo leqela lezoNxibelewano noKwazisa, lizinze kakhulu ngoku njengomsitho ophambili okwizinga eliphezulu kwihiabathi.

UMzantsi Afrika uye wabamba iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™ ebenempumelelo. Oku kuye kwaphunyezwa ngokwentsebenziswano ebenempumelelo kakhulu ebephakathi kweSebe leNkulumbuso, oomasipala neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezeMidlalo. Izibonelelo ebezinqongophele khange zibathintele abasebenzi ebebebekwe kwimimmadlna ukuba baququzelele ngempumelelo nangokufanelekileyo iFanjols eGeorge, eVredenburg, eWorcester, eBeaufort West naseBredasdorp.

INkqubo yesi-2: ImiCimbi yeNkcubeko

ISebe nesiXeko saseKapa, kunye nabeeNkonzo zesiPolisa zaseMzantsi Afrika, baye basebenzisana ukujongana nemidlalo eyahlukeneyo eseziidleleni nokuphisiswano IweCape Minstrels, Amaqela aculela iKrisimesi neeKwayara zeMalay kwiXesha lemibhiyozo kowe-2010/11.

Ukuwonga abo bagqwasileyo nokubonakalisa ukuba baqtshelwe ngegalelo abalenzileyo bengabantu nemibutho kwimicimbi yenkcubeko ngokubanzi ngowe-2010, kuye kwawongwa abangama-22 kwezi ntlelo zilandelayo kuMsitho weeMbasu kwezeboGcisa, kwezeNkcubeko, kwezoLondolozo IweeMbali, kwezeeLwimi, kwezamaThala eeNcwadi nakwezooVimba abaGcina iimpeha neeNkcukacha zakudala:

**AMAWONGA EEMBASA ZIKA-2010/11 ZONYAKA ZOBUGCISA, ZENKCUBEKO,
ZOKULONDOLOZWA KWEMBALI , ZOLWIMI, ZAMATHALA EENCWADI NEZOOVIMBA
ABAGCINA IIMPEPHA NEENKUKACHA ZAKUDALA**

UHLELO	OFUMANAYO
Ubucisa neNkcubeko:	
Igalelo kubugcisa obubonakalayo	NguColin Steven
Igalelo kubugcisa obubonakalayo: Umdaniso	NguCarolyn Holden
Igalelo kubugcisa obubonakalayo: Umdlalo weqonga	NguGqr Niel le Roux
Igalelo kubugcisa obubonakalayo: Umculo	Ngu-Ian Smith
Igalelo kubugcisa bokubhala uncwadi	Ngu-Emile Jansen
Igalelo kwimisebenzi yezobugcisa	NguMartha van Rooyen
liNkonzo zokuLondolozwa kweeMbali kweMbali:	
Elona nyathelo lonyaka elenziwe yiNkonzo yokuLondolozwa kweMbali	Khayelitsha Museum
Eyona ngqokelela igciniweyo yonyaka	Iziko Museums of Cape Town: Ukuqokelelw kaMbalu yolu
Eyona projekthi yenkonzo yokulondolozwa kwembali yonyaka	District Six Museum: 'Kule mimandla yemidlalo: iinkumbulo ngezesoka nokususwa ngendlondlo eKapa' naleyo ithi 'Offside'.
Ulawulo IweziBonelelo zezaMafa:	
Igalelo ekwazisweni koluntu / amaxwebhu ngezibonelelo zethu zezaMafa	IGenealogical Society of South Africa: Iqela leProjekthi yamangcwaba
Igalelo lexesa elide lokulondoloza, lokugcina kumaxwebhu kunye/okanye nokutolika izibonelelo zezaMafa eNtshona Koloni	UTahir Levy
liNkonzo zoLwimi:	
Ukukhuthazwa kweeLwimi ebezikade ziselngelwa phantsi, kubandakanya noLwimi lokuThetha ngezandla	UBradley van Sitters
Ukuba negalelo ekupuhlisweni kweelwimi	Ukufundiswa nokuPhuhliswa koLwimi Iwezandla
liNkonzo zamaThala eeNcwadi:	
Elona Thala leencwadi loluntu eliyi labandakanya abahlali	IWellington Library
Eyona nkono yoluntu ebekumathala eencwadi	IRocklands Library
Ezona nkono zingcono zabantwana kumathala eencwadi oluntu	ILangenhoven Memorial Library, e-Oudtshoorn
liNkonzo zokuLawula ooVimba abaGcina iimpepha neeNkcukacha zakudala neeNgxelo ezigciniweyo:	
Oyena masipala/elona shishini labucala lisebenzileyo kwizenzo zokulawulwa kweengxelo ezigciniweyo	UCraig Knight noRobbie Ryne, Ukulawulwa kweeNgxelo ezigciniweyo, kwiSebe lezeMpilo
Oyena mntu/iziko elikhuthaza iiNkonzo zoovimba abagcina iimpepha neenkcukacha zakudala zoluntu ngokwamanqaku apapashiweyo okanye ngokokutyelelwa ngabantu	IGenealogical Society of South Africa: Iqela lemiboniso
limbasa zoMphathiswa:	

Impumelelo ephume izandla yababhinqileyo abakwiinkonzo zobugcisa, zenkcubeko, zamafa, zolwimi, zamathala eencwadi, zeenkonzo zokulondolozwa kwembali nezoovimba abagcina iimpepha neenkukacha zakudala	UFrancis van Wyk, Kwinkonzo yokulondolozwa kwembali eseLaingsburg yeziKhukula
Impumelelo eqhubeka ixesha elide kwezobugcisa, kwezenkcubeko, kwezamafa, kwezelwimi, kwezamathala eencwadi, kwezeenkonzo zokulondolozwa kwembali nezoovimba abagcina iimpepha neenkukacha zakudala	U-Elias Nel
Igalelo lesizwe nelamanye amazwe kwezobugcisa, kwezenkcubeko, kwezamafa, kwezelwimi, kwezamathala eencwadi, kwezeenkonzo zokulondolozwa kwembali nezoovimba abagcina iimpepha neenkukacha zakudala	UNjing. Johan Hattingh UGqr. Dan Sleigh

ISebe libe negalelo ekukhuthazeni utsyelelo kwezobugcisa nakwezamafa kulo nyaka-mali. Igalelo lemali eye yahlawulwa kulo nyaka-mali iye kwi-The Cape Town Carnival, the ABSA Klein Karoo Nasionale Kunstefees (KKNK), nokujongana nekonsathi yasimahla eye yabanjelwa eGreenmarket Square ngexesha loMnyhadala weJazz iCape Town International Jazz Festival.

Inkqutyan: Ubugcisa neNkcubeko

Icandelo lobuGcisa neNkcubeko leSebe liye laneqoqo elomeleleyo ngokwezobuGcisa nezeNkcubeko eNtshona Koloni ngokuba neempembelelo kwiinkubo ezikumanqanaba ohlukeneyo, ukwakha unxibelelwano olunentsgingiselo nokujongana nnothungelwano kuwo onke amacandelo. Oku kuye kwaphunyelelwa ngokwezicwangciso ezinomgqaliselo nokuphunyezwa kwezicwangciso ngokwenziwa kweenkubo neeprojekthi. Into eye yaqaqamba kulo nyaka ibandakanya oku kulandelayo:

- Ukusebenzisana nabachaphazelekayo**

Unyaka-mali ka-2010/11 uya waphawulwa ngokwanda kwentsebenziswano yabo bachaphazelekayo kusetyenziswana nabo ngokweVeki eqaqambisa ezeNkcubeko zeSebe, intsebenziswano phakathi kwemibutho yasekuhlaleni, noomasipala basekuhlaleni nabawkwizithili ukudala amathuba othungelwano nabo bafaka izicelo zokufumana inkxaso-mali, ukwabelana ngezibonelelo nangolwazi, ukubonelela ngoncedo nangokucacisa ngeemfuno zobugcisa. Nemibutho iye yatyelwelwa. Ukomelezwa kwentsebenziwano nangokwandisa igalelo leenkubo zokupuhlisa iintlobo zezenkcubeko ukwenza kubekho iziphumo ezifanelekileyo eziza kuxhasa iinjongo zeSebe. La mandla okwenza ukuba ezi zicwangciso zenzeke ngaxesha-nye nezenzo nokwenza ukuba oko kwenziwayo kubambekayo kungavali amandla ezinawo iingcali zobugcisa namathuba obugcisa obunokufumaneka.

Iveki eqaqambisa ezobuGcisa ebibanjelwe e-Overberg ukususela ngomhla wama-27 kweyoMsintsu ukuya ngomhla wesi-2 kweyeDwarha ngowe-2010, eye yadibania ngempumelelo abo bachaphazelekayo ekusetyenziswana nabo e-Overberg. Iprojekthi ibonakalise impumelelo yokuzinzisa izibonelelo nezimbiwa ezinamandla. Iveki eqaqambisa ezobuGcisa iye yavakala inempumelelo ngokwelifa elishiyleyo neempembelelo ezenziweyo. Ngenxa yoko, inyathelo lemisenbenzi yezobugcisa kwiqela elenza imisenbenzi yezobugcisa labo bakhubazekileyo baseGenadental naseGreyton liye lomelezwa ngokugqithiselwa kobugcisa kwezoshishino ngokwentsebenziswano neZiko iCape Craft Design Institute (CCDI).

Isebe lizame ukuqhawula ityathanga labasemaphandleni nabasezidolphini laze laveliswa indibano yokwabelana yomdaniso kwiziko lenkcubeko iMelkbos Oppiesee eliqela lomdaniso elikwiPhondo laseNtshona Koloni liphela. Le ndibano yokwabelana iye yabanjwa ngomhla wesi-7-9 kweyoMqungu ngowe-2011 yaze yaququzelela i-Ikapa Dande, yaqwaliasela ekupuhhliseni imiba yezobugcisa nobugcisa kwezomdaniso.

Ngokokuhlanganisa kweenkubo ezifana nezi, iSebe liye laphumelela ukwakha ubudllelwane ngokwemibutho efumana inkxaso-mali neenkubo zoluntu, eziye zabangela ukuba

kwabelwane ngezicwangciso nangamava kwiintlobo ezahlukeneyo zobugcisa. Ngokwenkubo yenksaso-mali rhoqo ngonyaka, kuye kwagxininiwa ekudibani seni imibutho enezibonelelo ezininzi naleyo inezibonelelo ezimbalwa. Oku kuye kwabangela ukuba iSebe nemibutho izuze koku, nento eyenze kubekho amathuba okubonisa imveliso abanayo kwimisitho yesabe. Ukudibanisa imibutho yezomculo efana neCeres Crusaders neKouebokkeveld Opleidingsentrum kudibanise uluntu ebelwahlukene ukuze lwabelane ngobugcisa nangezibonelelo.

Ngokwentsebenziswano eninzi phakathi kweSebe, i-Afrikaanse Taal- en Kultuurvereniging (ATKV) neDie Burger Suidoosterfees, amanyathelo okwenza imidlalo yeqonga eWest Coast ibangele kuveliswe okuninzi okuye kwabandakanya kwimidlalo yeqonga yeengcaphephe ngowe-2011 kwiSuidoosterfees. Intsebenziswano iyaqhube ka ukuqinisekisa ukukhula nokupuhlu kweentlobo zezobugcisa.

Inkubo yobugcisa obubonakalayo Yandisa umsebenzi wayo ngokwenza intsebenzisayo neekholeji zeMfundu eqhubekayo nezoQeqesho (iFET) kune nentsebenziswano namanye amashishini afana noShoprite/Checkers. Le ntsebenziswano inikezele iSebe ngamathuba okunikezela iinkubo ezininzi ukuqinisekisa ukuba kufikelewa kubabukeli abatsha kwaye kwensiwa neeprojekthi ezintsha. Enye yezo projekthi ibe yindibano yokwabelana yokufota ezitalatweni eyabanjelwa eVredenburg ngoNovemba ngowe-2010 aphi ulutsha luye lwaqeleshwa kwezokufota ngokusebenzisa ikhamera ekwiiselula zabo. Abafundi bayawkazi ukuvelisa izixhobo ezibonakalayo ukuze ziveliswe kwizigidimi zeendaba zezikolo zabo.

- **Uhlolo olwenziwa liSebe kwimibutho efumana inkxaso-mali**

Kulo nyaka kugxininiswe kuhlolo kwimibutho enikwa inkxaso. Oku kubangele ukuba kubekho intsebenziswano phakathi kweSebe noluntu ekuhlalen. Uhlolo luye lwakhokelela ekuphuculweni komsebenzi, ekuhambelaneni nemigaqo nentsebenziswano phakathi kwemibutho efumana inkxaso-mali. Ezi zizithako ezakha uluntu oluLangeneyo kwezobugcisa nokuqinisekisa ukuveliswa kokubakho kwezinto ezintsha aphi abantu abaninzi banokuzidibanisa nazo.

- **Ukuphengululwa kweenkubo zokwabiwa kwezibonelelo**

Ukuhlahlela nokubonakaliswa kwenkubo yokwabiwa kwezibonelelo ebangele kuchongwe uMbindi weKaroo njengendawo edinga kungenelelw ukuze kujongwane nokupuhliswa kombutho nakwezobugcisa kuloo mmandla. Esi sikhewu siza kuvalwa ngokweenkubo ezicetyelwe unyaka-mali olandelayo. Oku kuye kwaqwalaselwa ngokwentsebenziswano esibenayo nablawuli beSidoosterfees, kunya-mali kowe-2010/11, baye bathatha ii-intern ezine njengenxenyen yentsebenziswano ukupuhlika ezobugcisa.

- **Ukufikelela eluntwini nokunatyiswa kweenkubo**

Ngokwezi nkubo, icandelo lezobuGcisa neNkcubeko lie lakhuthaza ngakumbi intsebenziswano kumaqela ahlukeneyo eentlobo zobugcisa. Njengenxenyen yenkubo yokupuhlika ezomculo, kuye kwaphellelw iNqanaba loku-1 leprojekthi iJazz Mural Project ngomhla we-17 kweyoKwindla ngowe-2011 e-Artscape neye yabonakalisa igalelo lelo nyathelo. Ukugcina oku kusezimbalini, iSebe liceba ukupapasha incwadana ebonakalisa ubomi beemvumi obuye babonakalisa ngezinto abazithandayo, ngokubhekisele kwiinkcukacha eziye aza vezwa ngexesa bekusenziwa uphando, kucetywa kwaye kuqaliswa le projekthi.

- **Ukuxhotyiswa koluntu noqeqesho**

Inkubo yeQonga lezeNkcubeko iye yomelezwa ngokuqeleshwa kwabolawulo abaye bathathwa koomasipala abahlalu bezithili ezssemaphandleni, oluye lwenziwa kwiziko leNkcubeko eMelkbos Oppiesse ukususela ngomhla wama-25-27 kweyoMqungu ngowe-2011. Abakulawulo abangamashumi amathandathu kwezenkubeko baye bafumana uqequesho kulawulo lwemisitho esekuhlalen, kubunjineli kwizandi kwimisitho yoluntu nokuxhotyiswa kwemibutho.

- **Iprojekthi eqalisiweyo**

Iprojekthi yesibini yowlaluko ye-Indaba liye labanjwa ngempumelelo eKapa ngomhla wama-23 kweyeDwarha ngowe-2010 kwaye ngabantu abangama-80 abayayo. Izifundo zoqeqesho zabatyandi namakhankatha ziye zakho kuMasipala wase-Eden kweyeDwarha ngowe-2010.

Ngoncedo lukaMasipala waseBitou, kuza kubakho olunye uqequesho olunxulumene nemiba yezempilo kulwaluko ekupheleni kukaMatshi ngowe-2010.

Zikhona ezinye iintlangano zolwaluko ezintathu eziye zasekwa eKnysna, eGeorge naseMossel Bay. Injongo yokusekwa koku kukubonelela ngenkxaso yabalingane kuloluko lwabantu abatsha. Ezi ntlangano zolwaluko ziye zaluncedo ukunabisa iinkqubo zokuqondisa uluntu ngokuqinisekisa ngokusetyenziswa kwezibonelelo ngexesha lolwaluko ngendlela enozinzo necingela ummandla.

Indawo yolwaluko ekwaLanga eKapa iye yaxakeka kakhulu ukususela mhlakuhlolwa esi siza ngokwezigqibo ezathathwa kwi-Indaba kweyeDwarha ngowe-2010, kwaze oko kwaphunyewa ngokweqonga lolwaluko elibizwa ngokuba yi-Embo Initiation Forum (kwaLanga) ngexesha lolwaluko lika-2010/11. Ngaphezu kwamanqugwa;a ali-100 aye enziwa kwesi siza. kwixesha elisusela kwiveki yokugqibela kweyeDwarha ka-2010 de ibe yiveki yokuqala kwegoMdumba ka-2011, luye lwaluninzi uluntu oluhambelana nemigaqo nolunentsebenziswano. Iintlanganiso zokunika ingxelo ekuhlaleni nazo ziye zazala kuzo zonke iindawo.

Inkqutyana: iINkonzo zokuLawula ukulondolozwa kwembaliiNkonzo zokuLondolozwa kweMbali

linkonzo zokuLondozolozwa kweMbali

Lo nyaka mnye uye wabaluleka kakhulu kwiimpembelelo ezibenempumelelo ekunikezelweni kweenkonzo zokulondolozwa kwembali. Phakathi kwezininzi, oku kuye kwabalasela:

- **Ukufakwa kwezinto kubhaliso olufikelelekayo Iweemuziyami eziphantsi kwesebe**
linkonzo zeMuziyam ziseke iprojekthi yobhaliso olufikelelekayo Iweemuziyam eziphantsi kwesebe eNtshona Koloni. Le projekthi iza kwenza ukuba iNkonzo yokuLondolozwa kweMbali iqinisekise ngokhuseleko nokugcina zonke izinto eziqokelelwwe kwezo muziyam. Izinto eziqokelelwweyo ezibhalisiweyo zeMuziyam iCape Medical Museum isebenza ngokupheleleyo.
- **Indlela entsha yobhaliso olufikelelekayo**
Indlela entsha yobhalisa olufikelelekayo yenziwe yahambelana nendlela yokuziphatha yamazwe ngamazwe. Inkonzo yokuLondolozwa kweMbali izama ukuqinisekisa ukuba zonke iiNkonzo zokuLondolozwa kweMbali eziphantsi kwesebe zisebenzisa imigangatho efikelelekayo yeBhunga leMuziyam i-International Council of Museums (ICOM) neBhunga leenkonzo zokulondolozwa kwembali i-African Council of Museums (AFRICOM) ekulawulweni kwezinto eziqokelelwweyo neemuziyam eziphantsi kwesebe. Ukuze kubekwe esweni oku, iNkonzo yokuLondolozwa kweMbali ize nendlela esikelelekayo yobhaliso eza kusetyenziswa ziiNkonzo zokuLondolozwa kweMbali eziphantsi kwesebe eziseNtsona Koloni.
- **Uboniso wohambo iNobel Square Travelling Exhibition**
Lo mboniso wohambo ubonakalisa isishwankathelo sobomi namaxesha okuthwesa ngezitsaba zoxolo iSouth African Nobel Peace laureates, uNkosi Albert Luthuli, uBhishophu oMkhulu uDesmond Tutu, uNelson Mandela noFW de Klerk. Uboniso uye wenziwa ngokwentsebenziswano neNkampani iV&A Waterfront Company (Pty) Ltd kwaye ngoku uhambahamba kwiINkonzo zokuLondolozwa kweMbali eziphantsi kwesebe eziseNtsona Koloni. Kwaye oku kwabakho kumboniso ngokwesicelo seSebe lezoNxulumano namanye amazwe nentsebenziswano nawo (Department of International Relations and Cooperation) kumsitho wabo wonyaka obubanjelwe eSomerset West. Lo msitho uhambelana nokuvulwa kwePalamente yeSizwe, apho yazinyaswa ziindwendwe ezingama-400 zalapha ekhaya nezamanye amazwe. Ukonjeza, umboniso waye wabonakalisa kwiNdlu kaNelson Mandela ekwiziko loLuleko eliseDrakenstein ukunjengesikhumbuzo seminyaka engama-21 wakhululwayo entolongwenu uNelson Mandela ngomhla we-11 kwegoMdumba ngo-1990.
- **Iphepha leNgxoxo: Ukusingisela kuMgaqo-nkqubo weeNkonzo zePhondo zokuLondolozwa kweMbali eNtshona Koloni**
UGqr. Ivan Meyer, uMphathiswa wePhondo onoxanduva lokujongana nemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo, uvume ukuba iphepha leengxoxo likhutshwe ngokunxibelelwana nabo bachaphazelekayo kusetyenziswana nabo. Iphepha leengxoxo libeke ngokuphande isicelo

sesakhelo somgaqo-nkqubo omtsha weenkonzo zokulondolozwa kwembalizephondo ngokwegunya lomgaqo-siseko woRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokunxulumene neenkonzo zokulondolozwa kwembali ngaphandle kweenkonzo zesizwe zokulondolozwa kwembali.

- **Ukuphuculwa kwezokhuseleko kwiiNkonzo zokuLondolozwa kweMbali eGeorge**
Njengenxene yeNkqubo ka-2010 yeSebe malunga nezamafa, imiqathango yezokhuseleko iye yamkelwa kwiNkonzo yokuLondolozwa kweMbali eGeorge. ISebe lezoThutho nezeMisebenzi kaRhulumente licedise ekufakweni kwezi zinto zintsha, ezibandakanya ucingo logesi neekhamera zeCCRV. I-alamu nayo iye yaphuculwa.
- **Intlanganiso yoNyaka yeeNtloko zeeNkonzo zokuLondolozwa kweMbali**
Le ntlanganiso ibibanjwe ukususela ngomhla wesi-2-5 kweyeSilimela ngowe-2010 kwiNkonzo yokuLondolozwa kweMbali eWorcester, nebichotshelwe yiNtloko yeSebe nalapho bekukho oosihlalo beebhodi ezikulawulo zamaziko aphantsi kwesebe. Kuye kwakho nomboniso wephepha leengxoxo eliyidrafti.
- **Ungenelelo loqequesho nelokuniika iingcebiso**
AbakuLawulo nabanika iNkxaso kwiZiko lokuLondolozwa kweMbali baye benza ungenelelo loqequesho obelyimpumelelo kalithoba kunyaka-mali ka-2010/11. Ukwanda koku kwensiwe yintsebenziswano endiyibulelayo namaziko e-Iziko Museum nokusinga ngendlela eyenza utshintsho. Abacebisi bangaphakathi baye basetyenziswa ukuba bajongane nolunye uqequesho oluza kongzezelwa.
- **Inkqubo yokuniika iingcebiso ngokuqokelelwa nokugcinwa kwezinto**
Inkonzo yokuLondolozwa kwMbali iye yabamba inkqubo yokuniika iingcebiso ngokuqokelelwa nokugcinwa kwezinto ukususela ngomhla wama-20-22 kweyeNkanga ngowe-2010, eDrostdy Museum, eSwellendam. Eyona nto kwakuqwalaselwe kuyo ibikujongana nezinto ezikwiziko lokulondolozwa kwembali, ukulawulwa kwezinto eziqokelelweyo neendlela zokwenza iibhokisi zokugcina izinto. Le nkqubo yazinyaswa ngabasebenzi abangama-22.
- **Ukujongana nezinto zalapho**
Ungenelelo ngokwenziwa koqequesho lokujongana nezinto zalapho luye Iwenzelwa abasebenzi bemuziyam eJan Dankaert Museum, ePorterville ngomhla woku-1 kweyoMnga ngowe-2010. Ngapha koko, abagcina izinto baye bafumana iingcebiso noqequesho ekulondolozeni ezesinyithi kwiZiko lokuLondolozwa kweMbali eliseWorcester.
- **Ukugcinwa kwezinto zikwisimo esisiso**
Ungenelelo ngokwenziwa koqequesho kwezokugcinwa kwezinto zikwisimo esisiso luye Iwensiwa eCP Nel Museum, e-Oudtshoorn ukususela ngomhla we-12-30 kweyeKhala ngowe-2010 naseTogryers Museum, eCeres ngomhla wesi-4 eyoKwindla ngo-2011. Umsebenzi omninzi wokugcinwa kwezinto zikwisimo esisiso kulo nyaka wenziwa ngabasebenzi beNkonzo yokuLondolozwa kweMbali eziphantsi kwesebe.

Inkonzo yokuLawulwa kwezibonelelo zezamafa

- Umphathiswa wePhondo uye wachonga iBhunga elistha lezamafa eliseNtshona Koloni, abasemagunyeni kwizibonelelo zezamafa ephondo, eliza kusebenza iminyaka emithathu ukususela ngomhla woku-1 kweyeThupha ngowe-2010. Amalungu eBhunga elitsha achongiweyo, kunye namalungu asuka kwiikomiti, aze nobugcisa obutyebileyo nolwazi lokujongana nemiba ebanzi okusebenzela iBhunga neekomiti zalo. Ibhunga likwaxhobise abasebenzi lakhuthaza nokunikezelwa kweenkonzo ngokutshintshiselana ngeendlela ezintsha.
- IGosa elitsha lesiGqeba esiLawulayo wezamafa eNtshona Koloni liye lachongwa kweyoMqungu ngowe-2011.

Amagama eendawo

Okuye kwaqaqamba kweli candela koku:

- Ukuchongwa kweKomiti entsha ejongene namagama eendawo kwiPhondo leNtshona Koloni (WCPGNC) oko kusenziwa nguMphathiswa wePhondo kwixesha leminyaka emithathu. Oku kuza kuqinisekisa ukuba imiba ephathelele nokubekwa emgangathweni nokutshintshwa kwamagama eendawo eNtshona Koloni ukuba kunikwa ingqalelo. Oku kuye kwavunywa nanguNondyebo wePhondo ukuhlelwa kwakhona kwemirholo yoosihlalo neyamalungu achongiweyo ngokuya kwiintlanganiso zekomiti. Iintlanganiso ezimbini ziye zabanjwa ngoJuni ngowe-2010 ze enye kweyoMqungukwegoMqungu ngowe-2011.
- I-WCPGNC iye yabamba intlanganiso kwisiXeko saseKapa malunga noMgaqo-nkqubo oyDrafti wokuThiywa kwamagama akwisiXeko. Inkukacha malunga nokuthatha inxaxheba nokwenza izicelo nangotshintsho olunokubakho Iwamagama eendawo aye afakakwa ngeelwimi ezintathu ezssemthethweni kwiwebhu yesebe.

Inkqutyan: linkonzo zoLwimi

Okuye kwayimpumelelo kwiiNkonzo zoLwimi koku kulandelayo:

- **linkqubo zokwazisa neprojekthi ezimalunga nokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni**
ISebe, ngokwentsebenziswano neKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni ne-Ofisi eseNtshona Koloni yeBhodi yeeLwimi zaseMzantsi Afrika (iPanSALB), iye yabamba iindibano zokwabelana ngomhla we-15 kweyeDwarha ngowe-2010 kwiziko looVimba abagcina iiMpepha neenkukacha zakudala zaseNtshona Koloni neeNkonzo zokugcinwa kweenkcukacha eliseRoeland Street. Injongo yezi ndibano zokwabelana ibikukuphucula iindlela zokupuhliswa kwsigama ziingcali zeelwimi ezikwiphondo, ingakumbi ezo zesiXhosa, elulolona lwimi luchaphazelekayo Iwephondo, nokunika inkxaso iingcali zolwimi zephondo.
- **Ukupuhhliswa kwsigama**
